## *INDAWO NGENDAWO.*

[NGABABHALELI BETU.]

EMAMPONDWENI.

13 April, 1896.

Nkosi yam, indaba tina apa aziko, into eke yako kukunduluka kuka Nkosi u Jong' ilanga kunye namadoda aseku- Iwini ukuya kubona u Mantyi—u Mr. Thompson, e Lusikisiki. Ugaleleke e- malanga kakulu. Ndingati ndive ubuncoko obukulu kakulu obumnandi obusingisele emalwimini ama Mpondo, awasa e Mantyini nawesa e Nkosini u Sigcau. Safika kwindoda eteta kamna- ndi u Mr. Thompson, engena ntshiyela yanto, kupela obo buncoko. Kwatetwa ngocebano oludala Iuka March, 1894, mhla sangena ku Rulumente. Mhla sangena sacela ku Mr. Stanford ukuba makawele aye ngapaya komda wetu aze agcine umda wase Natal ke siye kucita abaya bantu basesi Seleni. U Mr. Stanford ute: Hai nina niya kwe- nza kade, umntu oya kukaulezisa ngu Rulumente. Kodwa wabacelela ukuba ke bavune ukudla kwabo kuka 1894— bandule ukufuduka. Wati u Patekile uya kuhlaula ngamakulu amabini enkomo. Sisalindile eso sitembiso ku- te ngo April, 1894 kwafika obe yi Prime Minister oko—u Mr. Rhodes, apa ema Mpondweni, sahlangana naye e Zalu (Palmerton) sateta ngaba bantu basesi Seleni ngokususwa kwabo. Ute u Mr. Rhodes : Hai lonto iya kufezwa, watsho watumela u Mr. Power Leary, Imantyi, ukuba aye kutata lamakosi apo Esise- leni —Nkosi Umhlangaso, Maqutu, Zulu, Mjanyelwa, Mpikwa, no Xonywa. Ubaqubile ke waya nabo e Mount Ay- liff, basalake abantu ngokuba bona beza kufunelwa amanxiwa ngama Mpondo kunye no Mongameli u Mr. Stanford.

***

Ngo March, 1895 kuyiwe e Capetown ngu Nkosi u Sigcau nama Mpondo atile, babuye bayiteta lento yababantu base Siseleni. Ute impendulo u Mr. Rhodes : Mna into endiyitetileyo ndiyitetile andi- guquki nditete enye. U Mr. Stanford uza kunyuka agoduke, uya kugalela adlule aye kulungisa- abo bantu, afeze ucebano luka March, 1894. Ngonxiwa ??? bumbulu, September, 1894, u Monga- meli wati kuma Mpondo : Kuko ikulu enamashumi mabini anantlanu (125) enkomo ezivela kwa Patekile, mazita- tyatwe ezo. Ama Mpondo ati mazipe- lele. Mhla ayese Kapa ama Mpondo u Mr. Rhodes wati ezonkomo mazam- kelwe ngu Jongilanga; amashumi asi- xenxe anesihlanu aya kutunyelwa ngu Mongameli, kuti kwakubuywa zamke- lwa ezonkomo zi 125.

***

Manditsibe bunkau nditi ngembizo yokugqibela yetu no Mr. Stanford eya- yise Flag Staff kwanikwa lamadoda amanxiwa: —Abaka Mhlangaso babc- kwa e Hlabati, abaka Maqutu e Tande, abaka Zulu, Xonywa, no Mjanyelwa babekwa entlanganweni yo Msikaba ne Xura. Kupelele zonke intloko zama Mpondo, kunye nabo basesi Seleni babeko, no Messrs. W. Power Leary, A. Gladwin, Major Sprigg, namakosi anga maqakamba (C.M.R.). Sacitakala sili- ndele ukuba kufezwe lonto.

***

Ukukutshwa kuka Mr. Stanford eku- pateni apa ema Mpondweni kuko oku- angele ukuba esi sitembiso silityalwe ngu Rulumente, kwakulapo silindele ukuba kufezeke oko sitenjiswe ngako ngu bawo. Abo bantu abakafuduswa, nenkomo zika Patekile azikapeleli *(75).* Ndite xa ndipezu kwentaba ndeva kumnandi entliziyweni xa ndibona amabandla ka Mqikela, ka Faku, ka Ngqungqushe, ka Nyauza, ka Table, Ndayini, ka Citwayo, beteta ne Mantyi yabo bengalwi, beteta ngomlomo, ngo- kuba ababantu bafuna kutetwa nabo.

Impendulo ka Mantyi ute lento ye- nzeka engekabiko apa ema Mpondweni, uya kuwatumela kwi Special Commis- sioner amazwi etu, abuye abavise impe- ndulo. Ndide ndanga ngendiko kufupi ndaba ngendintyontye amakwelo ndati, kulondawo mabandla ka Sibona ka Tombela, ka Bala, ka Baliso, ka Ganga- ta, ka Cabe, ka Ncindise, ka Nxeleba, ka Raneza, ka Mkondwana, ka Mtwa.

***

Indaba aziko apa, into evakalayo kukufunwa kwabantu abaya e Goli na- kwa loliwe ukuya kusebenza. Amaba- ndla ka Sikula, ka Sukude, ka Same Mde, ka Manzimande, ka Mbingwa, ati akupendula ezi Mantyini : Umntu ofu- na umsebenzi akaqutywa mntu uyazi- funela.

***

Indaba aziko, into ekoyo apa zinku- mbi nobukulwana. Hai buyatshabala- lisa kumasimi ombona namazimba. Ungafika ngoku izibaya zika Hlamba- ngobubende, zika Ziqeligazi, zika Hla- mandane, zika Msiza ziketa agwangqa, zipanga nazo kubonakala ukuba akuko kufa kuhle.

Indaba aziko, ndite xa ndipezu kwe Zalu ndabona umfundisi—u Rev. J. Nomvete epete incwadi endala ka. Ma- rwanqana, umfundisi omdala wase ma Mpondweni. owacandelwa umda ngu Nkosi u Faku, kutiwa ngowe sikolo, kusenzelwa ukuba liti igqwira laku- nyatela apo liti lalahla, lazi ukuba lisindile. Andazi ukuba namhla lom- hlaba ufunelwa ntonina ngokuba ama- tyala amagqwira atetwa ngu Rulumente. Ndibe ngenyuka ukuya pezu kwe Ntlenzi ndafika iseso ku Mfundisi u Hagile e Maqingqo. Ndibe ngakangela ababantu abake ema Qingqo, ndafika ikwa ngabaya babesikelwa e Zalu nge- xesha lika Rev. Mr. Jenkins, into zo Ngungwini, Mtshatsba, Mbidana, njalo njalo. Ndakohlwa ukuba bengamxelc- li nje umfundisi ukuti tina asifuni mhlaba wasikolo apa, sasisikelwe e Zalu ngexesha lika Rev. Mr. Jenkins, kwaye nokunyuka kwabo ukupuma e Zalu kuse lucebanweni Iwabafundisi no Faku. Kwakutshwa u Rev. Mr. Jenkins e Zalu ngesiko labafundisi, ama Mpondo esala naye esiti makahlale, bati gungxu abafundisi bati ukuba ni- yala naye mkupeni kweli letu inxowa nimfunele elenu, kanjako nimakele izindlu ngokwenu. Libulelekile elo kwi zibaya zika Msiza, zika Tobe, zika Mpondo. Kwabonwa ama Qingqo wati u Rev. Mr. Jenkins kuse Mfundisweni apo angakelwa kona ngokuba ingumzi wama Mpondo. Nganipike bafo bo Ngungwini, bo Mtshatsba no Mbidana, nina nenyuka no Marwanqana. Uku- fika kuka Marwanqana wakelwa indlu yokuhlala neye tyalike nge nkomo zama Mpondo, nanamhlanje ezo zindlu ??? mile zombini, enye ihlala umfundisi u Hagile, enye ingena isikolo.

***

Ububileke u Faku no Marwanqana kwavela u Nkosi u Mqikela. Kute akububa u Rev. Mr. Jenkins kweza aba bafundisi—o Revs. Mr. Weaver, no Mr. Millwood, no Mr. Cameron. Amampo ndo alile nesitshixo, ati wona afuna umfundisi osele yindoda, oya kugcina lomzi. Ndiya kutsiba bunkau ndihlabe ndidlula. Kufike no mfundisi u Hagile wasinikwa ke isitshixo sezindlu, nana- mhlanje sisekaya. Nganitsho mawetu ukuba lomzi ude ufune umda nje uhla- ngene pina nobukolo. Amampondo ati lomzi ngowawo, azakela, awunam- hlaba wabukolo. Abafo bo Ngungwini, Mtshatsha., no Mbidana, mabaxelele umfundisi kakuhle kunye nabafiki abafike lomzi umile ukuba ati ofuna umda wesikolo aye e Zalu. Nati asi- tsho ukuti i Mpondo lingazenzela ukwaka esikolweni, lingacela kumfu- ndisi ngokuba ngumnini walomzi. Ukuba lento iyakwenzeka ngoluhlobo lingaba lizwi lika Tixo liza koyikwa ngabantu abangama qaba ngokuba baza kuti abafundisi badla imihlaba kunye namakumsha abo ngokuhamba befuna imida. Andazi nto bendimi pezu kwe ntaba xa kuxoxwayo ngaba bangisana ngemihlaba.

Indaba yintonina? Zimantyi ezibi- nqele pezulu ukunga ama Mpondo angemtumi pesheya Ungangamakwe- nkwana ngelityala lika Sonani akaqali mntu. Mandiyeke gxebe.—MPONDO.

## INCOKO.

Kwesinye isixeko kuke kwasingatwa ityala lendlela emhlope ebulele enye indoda ne icaka sayo, ete pakati kokutetwa kwe tyala yagala ngangokude kubonakale isiwe e Hospatala. Ite xa ichachayo kwafuneka kumiswa usuku lokuba izokubonakala kwa- kona pambi kwamatyala.

Kute kanti uyisekazi walandoda yabula- wayo usebenzela ukuze umbanjwa angabi natyala kwakuvakala ukuba akakubalele ntweni ukufa komtshana wake ngenxa yokuba akanasisele semali esililifa kuba- ntwana bake nezihlobo.

Kubonakala ukuba lendoda yayibangwa kukuba seyilisiko lalomzi umhlope ukuti kwakusitela ngokufa indoda kanti izihlobo ziyazi ukuba zoba nento ezolilela pezu kwaye—kuba ingamadoda " anqabisa ubo- mi bawo" (insure their lives) eti kanti indo- da yazinqabisa ubomi bayo ngamawaka epo- nti.

Inkoliso yezi zihandiba zase Mangesini zatyeba ngalondlela. Sikumbula elinye ibali lenye indoda eyati ikonza ebupolieeni, yati ngamhla utile yabona ifikelwa lipeke- peke elixela ukuba uyieekazi utile, waye engazalanga, uyishiye nelifa elikumawaka amatatu eponti; yaba ke rgumhla eyapuma ngawo londoda ebupoliseni yaba sihandiba ngemini enye.

Kakade kumzi wakowetu ontsundu kuse luqiza malunga nelinqaku loku " nqabisa ubom," kodwa siyatemba ukuba noko seleko amadoda angaba ayiqondile londlela yoku- tyeba angati ewufake ekondweni umzi sibe bhetele kakulu isizukulwana esintsundu esizayo kobubuhlwempu esibubo ngoku. Zintatu izinto ezenza ubuntu ezimiswa isizwe: Lugqoboko, yimfundo, nokukutala Eletu tina lelokuti, huku mzindini untsundu wase Aluka kwezinkalo zontatu.

Esinye isinekeneko sesityebi saka sati sihamba siwaka satana nqwakanqa ne " mfakume " yehlwempu eyayihamba ingqiba laza ihlwempu lema ngapambi kwesityebi licela amalizo.

Sipendule isityebi sati: — "Akwazina ndoda ndini ukuba lento ubutyebi bunqo- nqoza kube kanye kuzo zonke izindlu zama doda, obuti ukuba abuvulelwa bunikele umva bumke?" Ipendule le mfakuma yengqiba yati : " Ewe, nkosi, ndiyazi ukuba kunjalo kanye, beka banqonqoza nokweyam indlu, kodwa isiqu sam ndandingeko ngalo- mini yayiyintsapo yodwa ekaya, kwati ke emveni kwezo ntsuku ubutyebi bate butumela intombi enkulu yabo."

" Intombi yabo enkulu ! " lapendula inene, uteta ntoni ukutsho? " Hai, nkosi, ndi teta ukuti banditumela kambe, ati ke mna, obubuhlwempu." Amadoda ka mawabeke indlebe ezingcangweni apulapule ukunqo nqoza kuka Mr. " Butyebi " abehle amvulele angude akalale, aseletumela umdakazana onemkita oyintombi yabo enkulu, n " Nobu- hlwempu."

Siva ukuba kwisiqiti sase Lesbos kuke kwehla isibongobongo. Inkosi yakona, ebikwiminyaka engama 80, ite ngomnye umhla yafunyanwa idle. Njenge siko ke lama Girike kumntu ongalo, yatwalwa yasiwa kwi Katedlala (Cathedral) yayo yabekwa esihlalweni sayo sobukosi intsuku ezimbini nobusuku bazo, ilindwe ngaba peresite bolonqulo. Oku kwenzeka ngomhla wesitatu ku March, kute ngomso wesihlanu botuka abalindi kukutona ofileyo evuka ngamandla, ote naye akubona izibopo zengcwaba kufupi naye wotuka okunye. Kubonakala ukuba wayewe isiduli, kwatyapa kodwa ukuba abe nguye oanye ngewavuka selesengcwabeni.

Elibali lalendoda lisikumbuza ngelinye esaka saliva ngomnye umntu ekwati beku- funwa ukushenxiswa amatambo ako kwafi- kwa ebugoxo obulele ngesisu kanti waye laliswe ngomhlana mhla wangcwatywa, ekubonakala ukuba wati akugqitywa uku- gqunyelelwa wavuka, waselefutaniselwa ngumhlaba, wati ngokungqunga wada wa- pinda wafa selelele ngesisu ngoku.

Kakade libi kumawetu elisiko lokuti umntu esandul'ukuqauka selebalekiswa esisiwa engcwabeni kuba kuti kanti wumbi usawe nje kodwa akakafi kanye, ekubona. kala ukuba yiyo lento no Rulumente ede wenza umteto wokuba ofileyo angangowa- tywa ngapandle kokuba agqibe iyure ezi ngama 26 efile, bamiselwe ityala bonke abaya kungcwaba ngapambi kweloxesha.

Intombi nxa zingekatshati ungafika zizi- cicibala, zitshile yonke imihla, zingo six; kanti konke oku zibata zokubambisa abafana ukuba babhekise. Yonke imihla zibonisa impawu zokucoceka, nencubeko kamakama, zizibeke esimilweni esifanelekileyo, kanti konke oku ngumgibe wokubambisa isakwa- tsha (umfana kambe) ekuti akubhekisa kube kokona intokazi igibisela ngakumbi, ingabi sahamba ngenyawo nangemini (na- kuba iti yimbi kanti ifihla intsente). Wo- fika itsho nge Cashn ere ne Japanese, itshintsha katatu ngemini, ude uti nxa uye kwenda ufike igaxele imixokelelwane, ikohliwe nakuhlala, nakuteta, wova futi intokazi isiti: " Oh dear me ! " Kanti iba. njwe siteyizi kumhlana yasinxiba kuba ifumene idyongo.

Okwenene yalutshate ike iquba izipata kakuhle okweveki ezintatu ingumtshakazi. Ubuxelegu bokuqala,—noti nxa niya etyali keni ingatandi ngoku ukuhamba nawe, iti ukunxiba oku iqale ngo 9'30 a.m. igqibe ngo 11 a.m., elixa abantu etyalikeni sebenyuse u Amene nina kokona nigqiba ukuzinxiba no dear wako. Indoda ike iyinyamezele lenqubo, ide idikwe imshiye angene yedwa etyalikeni ngoku umfazi ngo 1130 a.m. Intokazi iqala ilahle i Hat nokuba yi Bonnet, izinto ebizisebenzisa ebuntombini nase butshakazini bayo ijikele, ufike nalento ngati kufakwe umqamelo wonke entloko, kanti ngapantsi kwalo " Four corners " kufakwe amagqesha—nditi yonke le rubbish emdaka ekoyo endlwini yako, ihempe zako ufuna nje wena kutwelwe ngudade lo. Wobona kwangenyawo ziqala intsente, izi. fuba ezingena mahakisi, knqoshwa nge ngacu, ingqiniba zipandle, incaza entloko engasayazi konkena, into enkulu kuye ibutongo ngumtshakazi ke lowo. Bati bakuti abantu zipate kakuhle umncinane, wova intokazi isiti, " Ah, ndawela i Yordane kade— zadlula ezomini mntaka nantsi— ndayizuza into endandiyifuna, ndigemile kede." (Atsho umntu kanti unomtamo wegwada). Akuba njalo umfazi indoda ayivaselwa, ayitungelwa, iqale ke idlavuke iyakazele; iqale indlu inuke kuba pantsi kwetyesi ne cupboard akutshayelwa, ingubo ezingcolileyo ezi hempe nekausi zako zipantsi kwetyesi ne cupboard.

Wofika izitya zite sa nendlu, abe udade lo yena enabe pezu kwenkunkuma yenye imini ; wokaba igxebeka ungena. Xa kuzakutyiwa woke awahlanganise mfondini; ngezinye imini utye engahlanjwanga. Kulapo ke ifike yonakale into kona, ingonwabi indoda ecocekileyo—kuvuke udushe, imfazwe. Uti wakuteta wena ndoda, umfazi abe nguno- meva, nditi mna ukutye luhlaza, ube ngu- mntu okohlakeleyo, otelwe nqa ngabantu kuba ute qo uteta. Nditi mna ube sipoxo sendoda ; wakuteta ngobuvila bake uve esiti, " Ndagima kade mna." Nditi ube mdaka, kubonakalo ukuba wazenza, (nisiva kutiwa umfazi ngumtwalo nje bafana kuxa kukule mimango), sewunga ngewawnhleli ubusoka kanye; ewe, kubonakale ukuba kawuhambe usele umoya, ngenxa yobuxelegu bomfazi— nomlomo wake kuwe

J. W. GARRETT & Co., Lady Frere.—Izi- tora zase Glen Grey, Impahla Zehlobo azi- teteki ubuninzi bazo—eziwufaneleyo umzi wase sikolweni. Ilokwe, Iprinti, Izambulela zelanga, Iminqwazi, Ilesi ne Ribhini, Izi- hlangu, njalo njalo. Ezimpahla zitengiswa ngamanani akwa Komani. Ukutya, njalo njalo, kutengwa ngamanani apezulu.—ADV.

## TRANSVAAL.

Johannesburg, 29 April, 1896.

Faka Nkosi yam nanzo indaba zeli lama Bhulu, isenzeko esihle izolo soku- gwetywa kweqela le Reform Committee, sokuba ibe kukufa kumadoda amane (axhonywe) omane ngetyala lokuvukela umbuso we Republic ukuze kupalale igazi ngesenzo sika Dr. Jameson, laye iqela eli kunye nalamadoda ligwetyelwe ukuhlala entolongweni iminyaka emi- bini pantsi kwempato enzima, lize laku- pela eloxesha leminyaka emibini ligxo- twe apa e Transvaal ixesha leminyaka emitatu lingeko apa, lidliwe amawaka omabini (£2,000) eponti. Ke lonke elo qela likumashumi amatandatu wona la mane ale ukufa kuba kusitiwa zezona nkokeli zale mbangi yale mfazwe noku- pitizeliswa kwe Transvaal. Ke Mhleli we Mvo NELISO LOMZI, lento yanamhla yesi sigwebo salamadoda aza kugwintwa ngama Bhulu yenye yezinto ezilusizi nezoyikekayo ukubulawa kwamatshawe angaka, nezityebi zalomzi, nawona ma- doda axase le Johannes ndini, ekute yakuvakala ngocingo olufike izolo luvela e Pretoria, wonke umzi wase Johannesburg wawa Iwakufika ucingo lusiti ku- kufa kumadoda amane, apetwe yinto ka Phillips u Lionel—lo Lionel Phillips ngumnumzana, i President ye Galf Club kwane President ye Chamber of Mines, kunye nento ka Farrar, nomninawe ka Rhodes, nesinye isinonopu sase Amerika. Mhleli, nabaleseshi bako, lento tina silapa isiraztile imvalo, kubi apa; kute kusiza kolu lwanamhla nje iyi bolide, kuhleliwe entlakantlakeni ngumzi oma Ngesi no mnyama ocingayo ukedamile; ndawana ete yasitembisa, yehlisa nezibilini lucingo olufike kufutshane ukuza ku 1 o'clock, olute isigwebo siguqulwe kulamadoda mane ekubeni ibe sesokufa. Ke asazi ukuba soba yintonina, ke nepepa alitanga gqi ukuti siguqulelwe ekubeni sibe yintonina. 'Nto ibivakala ngepepa lezolo ibikukwenzakala kuka Oom Paul, aku- siva isigwebo salamadoda ukuba sesokuba makafe; wavakalisa ukuba banga abantu base Johannesburg bangati cwaka aze ake asikangele esi sigwebo. Liti kanye ipepa elo ubenzakele kakulu u Oom Paul, emakabe ke uvisisene negqugula lake ukuze kufike olucingo. Ngeke kwanga ngamana kanti kunjalo, saba siguqulwe esisigwebo, kuba Mhleli be- kute kwangoko lavakala ivumba legazi ebeliza kupalala apa. Anditeti lalama- doda lodwa, nditela igazi lento ebiya kuhla esayakuhla. Wonke umntu ube- cinga ngokusabisa intsapo ukuze ingeyeli egazini, baye bonke abantu bexilonge indlebe namhla nje ukupulapula ucingo lwase Ngilane Iwetshawe u Mr. Chamberlain, esingekade silubhaqe nangoku ndibhalayo. Ke zinjalo ezalapa ; lonyaka ka 1896 usakuba nento yawo pezu kwese- ziko. Saye tina silapa siyamncoma u Oom Paul, unengqondo yemvelo, nanga- ni exontelwe ngumoya wobu Bhulu, lonto yona yengqondo unayo, inyaniso ipala apo, Kwakona, sincoma i Tshawe loxolo nomnumzana wenene u Mr. Chamberlain, uyabonakala ukuba waka wapantsi kwentupa zika Gamaliyeli u Mr. Gladstone, ama Ngesi afanele ukuba amgcine u Mr. Chamberlain, yingqondi, ukufanele ukupatiswa umbuso naugani anendawo afe mnyama ngakuti bantsu- ndu ngokungayisi ngandlela imicimbi yetu, sakuyincoma into elungileyo sila- hle embi njeugabantu abaqwalasele inyaniso nakubanina opatiswe izinto zomzi, nokuba ngubanina, okanye ngowasipina isizwe sohlala sincoma okuhle sidele okubi, njalo- njalo. Asingomangaliso ukuba ngesekuhle into ehlileyo apa e Transvaal ukuba u Mr. Chamberlain izinto ebengazipete ngezandla ezihla- mbuluke ngoluhlobo zihlambuluke ngalo ngoku kulenqubo yake kulomcimbi wase Transvaal, ozote liugaka, otutumbisa imixhelo yabantu ngohlobo olunezingqa- la. Wangamana umbuso wama Bhulu ungazama ukuvisisana nama Ngesi, aze nama Ngesi azame ukubonisa ngeminwe yobutsbawe, kwaye ukubanjalo kukubi kumntu ontsundu olapa, nditeta ocingayo yena, ngokuma kwezinto xa kupitizela ngoluhlobo pakati komzi omhlope, waye wona omnyama ungenanto engade ioe lungelo kuwo, nokuba kungade kube yilonto kungaba yiyo kungeko nto intsha ongayizuzayo, yaye into ekoyo ngoku kukulahlekelwa ngamaxesha awo okuse- benza, usebenzela lomvuzwana ungepi nokubapi, ungasokuze ubepi, endaweni yokubapi kukungabipi. Esinye isiha- ndiba isityebi salapa, kodwa besingeko kule Reform Committee, site kwayizolo sise Pretoria sakuwa isigwebo sokufa salamadoda, wabeta ucingo ukuba zonke i Komponi ezipantsi kwake zivalwe, bonke abasebenzi abantsundu nabam- hlope babhatalwe bemke kuvalwe, ne banka zake uyazitengisa kuba yindoda emali ibingasavunywa ezibankini ngenxa yobuninzi, yazenzela eyayo ibanka; into abati ngu Bhanato namanye amanene ake aya kusasa namhla ukuya kuva njalo ukuba ingaba yinyanina, afike kuyinyani eyitengisa yonke into yake, yaye imbo- nakalo yake enzakele sesi sigwebo sala madoda,

W. J. V.

## *ABANTU NGABANTU.*

NGEBHONGO LOKUZIMELA.

MHLELI OBEKEKILEYO, — Kauvume, ndiziva ndinyanzelekile ukuba ke nde- njenje ku " Velangeliso " wakwa Kambi. Andikolwa ukuba bubulumko inteto yake nokuba yeyo Mhleli njengoko ayi- mise kweli pepa. Zonke imvaba zembe- desho zazimvaba nye ekuqalekeni, zati ngenxa yezizatu ongati wena wakuzika- ngela zideleke, zahlukana. Ke nxa neze- tu zenjenjalo andikolwa ukuba angati um Safasafika ontsundu enjenje ukuteta. Kuba ukuba imbedesho eqalekayo ayiyo esekwe kwizwi Lomdali wamanyange yoya eludongeni, yaye nxa iyinene iya kume ngonapakade. Imfuneko iko yo- kuba ama Safasafika azimele ngokwawo ukuze abe luhlanga. Ke ukuba ayalinga ebengebe sisigxekwa kwaku Ntsundu. Yindlela elungileyo ebengayiboniswayo. Mhla Umhleli wanyulelwa ukuya kuza- ma ama Tile ukuba abuyele e Wesile ndamdela lomini akuvuma. Mhla wati u Nkosi u Dalindyebo andingamanantsi enkonzweni, ndancoma ingqondo enzulu yalo Nkosi; kodwa mhla wahlokomisa ukuroxa kwake ndatwala izandla entloko ndati ilishwa. Umntu olumkileyo um Bilitani yena ukohliwe kukuteta ezinteto, uyekele ku Mgwebi webandla. Oka Bo- lani yena kukuba esazi ukuba amadoda kulapo akona Emnqaba, Owako ngenene,

WM. J, MAMA.

Mnqaba, 29 April, 1896.

## AMANANI EZINTO.

EQONCE, MAY 12, 1896.—Ibhotolo 1/ ne 1/3 iponti, Amaqanda 1/ ne 2/1, Irasi Elu- hlaza 2/6 ngekula, Ihabile 4/6 ne 9/9 ng6. kulu, Itapile 5/ ne 11/6, Umbona 11/8 he 11/9 ngeponti, Amazimba 10/ ngekulu, Inkuku 1/ inye, Amatanga 8d ne 2/6 idezini, Imbotyi 9/ ngekulu, Inkuni 7/ ne 28/ iflara.

—O—

E KOMANI.—Ikwakwini 2s 6d ne 5s 6d inye, Ibhotolo 1s ne 1s 6d ngeponti, Ita- pile 11s 6d ne 13s nge 100 leponti, Ama- tswele 10s ne 12s nge 100 leponti, Ama- qanda 2s ne 2s 6d idezini, Inkuku 1s ne 1s 3d inye, Amadada 1s 3d ne 1s 6d lilinye, Umbona 10s ne 11s 6d nge 100 leponti, Umgubo (ongasefiweyo) 14s 6d nge 100 leponti, Ihabile 8s 6d ne 10s 6d nge.100 leponti.

## AMACULO.

Amaculo ase Rabe azanywa ukwandi- swa nokuhlaziywa. Kuko nafuneka ekutshiwe ngokunga vakali kakuhle, okanye ngokungasetyenziswa.

Ikomiti zintatu ezipete lomsebenzi— yeye U.P. neye Free Church, neyase Dipende. U Rev. I Wauchope okwi Ko- miti yase Rabe (Dipende) usitumele amaculo abhalwe nguye awomana ebonakala kweli pepa, ukuze umzi wase Rabe umui- ke amacebo ngendawo ezinga zingavele- Iwa encwadini yamaculo.

ITYALA LETU KU MALUSI.

(ISA. LII-4.) 8,6,8,6.

1. Nanku ! u Msindisi wetu Ebetelw' emtini;
   Lwalungak' utando Iwake Lwamsa ekufeni.
2. Tixo wam ! Tixo wam ! Watsho kwa nyikima, Warazuka Umkusane, Agengw' amangcwaba.
3. Kugqityiwe ! Kuhlauliwe! Yamkel' Umoya wam ! Wayitob' intloko yake, Waqauka ngenxa yam.
4. Kupu ! engcwabeni layo Yavuk' injengele ;
   Woyisiwe Gora, Kufa, Yawela i Ngcwele.

## Native Opinion & Guardian

THURSDAY, MAY 14, 1896.

## THE WEEK.

THE time fixed for Sir Hercules Robinsbn's departure for England is the 20th instant.

-----

MR. CHAMBERLAIN has cabled to Sir. Hercules Robinson :—I have received with much satisfaction your telegram of 8th May reporting the motion carried without division in the House of Assembly. I stated in last night's debate I fully believed your policy in South Africa was the same as my own, and that I hoped and expected that you would return to finish your work in South Africa after a short visit to this country.

-----

A BIG debate on the Transvaal invasion was begun in the Assembly on Tuesday last by Mr. Merriman, who in moving his resolution for the revocation of the Charter, severely handled the Directors and Mr. Rhodes, and said, as an Englishman, he felt ashamed of what had been done. Mr. Schreiner followed temperately excusing Mr. Rhodes. He favoured a Select Committee of the House. The debate was adjourned on the motion of Mr. Innes, whose speech is given in our telegraphic intelligence.

-----

A GREAT debate on South African affairs took place in the House of Commons on Friday last in the course of which Sir W. Harcourt virulently assailed the Chartered Company, and the Liberals generally backed him. Mr. Chamberlain in the course of a reply couched in non-committal terms, said the main principle involved was to preserve the position of Great Britain as the paramount power in South Africa, and to produce concord between Dutch and British ; but the supremacy of Great Britain was threatened in the Transvaal, which was the only part of South Africa where discord existed between races.

### THE OPPOSITION LEADERSHIP.

THE announcement made this week that the Hon. J. ROSE-INNES has at length been induced to accept the Leadership of the Opposition, is a most important one. Loud and long have been the calls from thousands and tens of thousands among the Colonists that Mr INNES should occupy the position; but out of a becoming deference to his senior, Mr. SAUER, he has always pleaded his personal unfitness, owing to private engagements, for the distinguished post. As is said of Poets, leaders of men are born— not made ; and Mr. INNES is in the happy predicament that the Leadership has sought him, while he made no efforts whatever to secure it. This is to his advantage ; since there is nothing more unsatisfactory, because of its unreality, than an artificial or elected leader. The long line of Leaders in British politics, as early as the times of CROMWELL and HAMPDEN to those of PITT, FOX, Sir ROBERT PEEL, and Mr. GLADSTONE, came forward by the sheer force of character and parts, and going past their fellows, became the heads of their respective parties — not by election, but by prescription. They thus exerted a unique influence upon both followers and opponents, such as merely elected leaders could never hope to exercise. As an instance of the futulity of leaning on the bruised reed of an elected leader commend us to the present Duke of DEVONSHIRE, when he was Lord HARTINGTON. On the rather ostentatious retiral of Mr. GLAD STONE from public life, after the crushing defeat of the Liberals in 1874, a meeting of the party was summoned for the election of a Leader, and Mr. BRIGHT was deputed to nominate Lord HARTING-TON. We all know that after the discharge of the functions in a nerveless sort of way, Lord HARTINGTON was again eclipsed by Mr. GLADSTONE, who, by his historical denunciation of the Bulgarian atro- cities, and afterwards the Midlothian campaign, resumed the Leadership without even the formality of an election. Coming nearer home, we defy anybody to tell us when and where Mr. HOFMEYR was ever elected Leader of the Bond, and yet never has a Cape party had a leader better liked and worshipped by his followers. It is the naturalness of Mr. INNES's advance to the box seat of his party which makes us hopeful of his prospects of gathering a following, both in the House and in the country, that may grow till he is able to form a Ministry of his own. In his case the election is but a bare formality, as long before the consensus of opinion has indicated him for the position which he has done well not to decline at so critical a time. With Mr. INNES as the head of a party we may now hope to see a more satisfactory condition of politics in this country, as those who have no faith in the Government of the day will feel that in Mr. INNES, as an alternative Premier, the honour as well as the interests of the country would be in worthy hands. In making these observations we wish to congratulate the honourable gentleman on the event, and to wish him every success in the discharge of the honourable if onerous functions to which he has been called by the *vox populi,* which we have shown in this instance is the *vox Dei.*

### LIQUOR LEGISLATION-

ALL right-thinking people will be very pleased with Mr. INNES's efforts to grapple with the drink curse in the Colony, more particularly as it affects the Native population who have shown them- selves utterly incapable of handling, not only the white man's liquor, but also their own national drinks. Our sincere wish is that Mr. INNES may be successful. That such will be the case we do not doubt, for such now is his position in the House that anything he takes up has the stamp of sincerity and honesty on its face in the estimation of all. His great Liquor Act is a monument of real statesmanship such as any legislator in any country might truly envy. It coped with the evil in a manner at once vigorous and effective in so far as the European population is con- cerned ; and it was a measure quite in advance of the legislation which obtains in England, and which Sir WILLIAM HARCOURT was so desirous of having changed to the great cost of the Liberal Party in seats. The present instalment of liquor legislation is aimed at helping the Natives and although it is nothing else but an instalment, it is as much as we have reason to expect. Our people, if it were in their power to do so, would extirpate liquor altogether as an unmitigated evil. They have begged and prayed Government to do this for them, but all in vain. All sorts of subterfuges have been resorted to by people interested in the production of brandy to thwart legislation in the desired direction ; but the Natives have persisted in asking that fire-water should be scheduled among things prohibited to them, such as fire arms ; and the controversy be at an end. Mr. INNES's Bill, although it does not go to the extent the Natives are prepared to go, is welcome as the irreducible mini- mum of what our people should get from the Legislature as at present constituted. The principle of the Bill is to leave it to Licensing Courts to sanction restrictions or prohibition, and to land-holders to deal with the brewing of Kafir beer on private property. The Licensing Courts are quite independent of the Natives, and in certain cases they are bodies not above being influenced by the trade; still it is something that the power to prevent the free flow of the damnable flood should be localised whereas it is non existent at present. We hope Mr. INNES's Bill may become law.

### MOTION AND AMENDMENTS.

THE debate started by Mr. MERRIMAN in the Assembly this week has long been looked forward to. It is the debate of the session, on the vexed question of the Transvaal—a question which has been used by some for the purpose of breaking up precious party ties.

Well, there has been a good deal of misunderstanding over this Transvaal business, but it has been all owing to the fact that some men will persist in using language as the medium of concealing their real feelings and thoughts. Those who have not done so have been roundly and bitterly abused, and none more so than Mr. SAUER, and now, perhaps, Mr. MERRI- MAN. But what do we find the detractors of these politicians doing? They will not come out boldly and propose something different. Mr. HAY'S amendment, which he has since withdrawn—a step which is to be regretted in view of the seriousness of the question—that amendment, we say, was, in the main, in the direction of Mr. MERRIMAN'S manly resolution in favour of the cancellation It only differed from the original motion in the fact that it postponed action until an enquiry—an inquiry which might, perhaps, confirm all that Mr. MERRIMAN has said, and which would justify the cancellation or such a drastic modification of the Charter as would practically amount to a cancellation Between Mr. MERRIMAN and Mr. HAY, therefore, there is very little to choose. They both deprecate and condemn Dr. JAMESON'S raid, but Mr. MERRIMAN is prepared for the logical results, while Mr. HAY and those who act with him seem to us to falter. We believe Mr. HAY'S amendment has been withdrawn with a view to clear the decks for Mr. INNES'S amendment to that proposed by Mr. SCHREINER. If so, it was a pity the member for Victoria East should have given notice of an amendment in connection with so important a subject without apparently consulting with those with whom he acts, as such vacillation is beneath the dignity of the occasion and of the honourable gentleman himself. But the amend- ment by Mr. INNES has the same fatal defect. It regrets and condemns. We could wish it had taken the bull by the horns by brushing aside all the regrets and the rest of it, and stuck to the terms of sub-section 6, namely, that the mal-administration in the Transvaal is the only cause of dispeace in South Africa. The raids, and revolutions are the necessary and inevitable outcome of the exclusive Government which Oom PAUL is keeping up in the Transvaal. Why should politicians be lopping off the branches of this upas-tree, and abstain from touching its stem or plucking it up by the roots. It is here that we at once differ from both sections of our friends in Parliament, and fail to understand the differences among themselves, as they appear to us to be sailing in the same boat. For ourselves we applauded the revolution in the Transvaal the day it was started and are only sorry it failed, and we should welcome another to-morrow, if other means are of no avail to bring Oom PAUL to his senses. We are thus in the position of being unable to favour any of the propositions now before the House, as we should have liked one condemning the way things are managed in Pretoria, resulting in the general turmoil that has now over-whelmed South Africa. But for this all would be perfect tranquility today throughout the land, but while this condition of affairs lasts false prophets may shriek themselves horse, saying — " Peace I peace !" where there is no peace.

### THE CAPE MINISTRY.

A CERTAIN air of uncertainty prevails over matters Ministerial in Capetown. All accounts from the metropolis point in the direction of a change in the government sooner or later, and we believe sooner than later. The Bondmen do not appear to be taking kindly to Sir GORDON SPRIGG'S Premiership, and the same might be said of the Border members. As discussions have proceeded there is an evident *raproachment* between Mr. SAUIR, Mr. MERRIMAN, and Mr. SCHREINER, the latter speaking of Mr. MERRIMAN as his " honourable friend," while, on a previous occasion he upbraided Mr. LAING for a savage and idiotic personal attack on Mr SAUER. We are not surprised then to gather from the apparently well-informed contributor of political gossip in the *Eastern Province Herald* that " the news " has been going round that a new "Ministry will shortly take office "of whom the Premier will be Mr. " SCHREINER with a team to drive " composed of Messrs. MERRIMAN, " SAUER, TE WATER, and FAURE. " If there is any truth in it the " parties concerned keep up a wonderful show of fight for the present. The Ministry faces such a condition of things that its very weakness should be a gain, and afford a prospect of struggling through the Session. As a beginning the Ministry have not pros- pered." But the idea of Mr. SAUER and Mr. MERRIMAN serving under an overbearing junior like Mr. SCHREINER would be somewhat galling, while the other rumour of Mr. SAUER leading in the Government would be more likely. In these circumstances Sir GORDON would join hands with Mr. INNES. No doubt the latter would feel the severance from those able debaters and friends—Mr. SAUER and Mr MERRIMAN.

### SIR J. A DE WET.

THIS gentleman has sent in his resignation us British Agent in Pretoria. It was not, however, until Mr. CHAMBERLAIN hinted in the House of Commons that, among matters for which Sir HERCULES ROBINSON was summoned to Eng- land, the question of Sir JACOBUS DE WET'S successor would be con- sidered. The British Agency in Pretoria was but a sinecure a few years back, and as such it suited the SPRIGG Ministry in 1889 to use its good offices to have its retiring Secretary for Native Affairs ap- pointed to it. Sir JACOBUS never was a man of more than mediocre abilities. So that when the stir and turmoil consequent on Mr. KRUGER'S misgovernment took place there was no help for it but for Sir JACOBUS DE WET to be found out. He leaves Pretoria for the private life out of which he should never have emerged—un- wept, unhonoured, and unsung.

### ELIMINATING THE FACTOR.

THE *Star* has very properly called the attention of those politicians throughout South Africa who talk glibly about managing their own local affairs, to the fact that they are not practising what they preach Our contemporary cites as an illustration of what might be expected under such a condition of affairs the fact that " no official "representations against the im- " position of undue severity of " punishment upon the Reformers, " as being calculated to exacerbate " public feeling all over South " Africa and re-act injuriously " upon the Colonies which enjoy "an inseparable community of in- " terests with the Republic, have " yet been announced ; and if they " have not ventured to carry the " principle of South African soli- " darity into action on the limited " and obvious question of the treat " ment of the prisoners, what hope " is there that they will have courage " age to assume some respon sibility " for the early cure of those organic "diseases afflicting this State which alone made possible the present " unhappy position of the prisoners ?"

### CAPE UNIVERSITY DEGREES.

BY the Bill to amend the "University Incorporation Act, 1873," it is proposed to give the University Council power to confer without further examination the degree of Master of Arts on holders of the first-class certificates in literature and science ; the degree of Bachelor of Arts on holders of the second-class certificates in literature and science ; and the degree of Bachelor of Law on holders of the first-class certificate in law and jurisprudence. Should the Bill become law—of which there is no doubt, judging by the unanimity with which it was received in the House—it will entitle some of the most famous men in South Africa to admission to these degrees. Among the best known may be mentioned : Master of Arts—M. de Villiers (Chief Justic, O.F.S.), Justice C. G. Maasdorp, R. P. Solomon (Advocate, Kimberley), C. B. Elliott (General Manager of Railways), and F. H. Ely, Inspector of Schools. Bachelor of Laws—Justice Buchanan and Mr. C. B. Elliott again.

Bachelor of Arts—Chief Justice Sir J. H. de Villiers, Judge S. T. Jones, Judge W. M. Hopley, Judge W. H. Solomon, H. de Smidt (Under-Colonial Secretary), Professor J. J. Marais.

### SURPRISED.

AN Umtata contemporary seems to be surprised that in some parts of Pondoland " smelling out" is still prevalent. We, on our part, are surprised that our contemporary should be surprised at this, seeing that the thing flourishes in every red kraal, and among other uncon- verted Natives throughout the Colony.

## THE CABLE SERVICE.

[REUTER.]

JUST LIKE THEM.

LONDON, Tuesday. — One large holder of the Chartered shares, on behalf of himself and other holders, issued a writ against Mr. Beit, claiming an enquiry into the wrongful acts of the latter in his capacity of Director, in connection with the invasion of the Transvaal, and further claiming payment by Mr. Beit to the Company of the amount of damage.

A FLAT DENIAL.

The *Times* publishes a letter from Dr. Jameson and Major White, in reference to the latter's note book. They both deny the receipt of any despatch from Mr. Rhodes, either on December 29th, or at any time, ordering the movement on Johannesburg.

A BETTER TONE.

The Spanish Cortes were opened today. The speech from the Throne promises Administrative and financial reform in Cuba, and recognises the correct and friendly conduct of the Washington Government.

FOR THE CAPE.

(Midnight).—A detachment of Royal Artillery, including a mountain battery, sails for the Cape in the Greek.

KEEP AN EYE ON 'EM.

China—yielding to Russian pressure— has granted Russia a concession on the foieshore of Chefoo, in which British subjects have vested interests. The Government is enquiring into the matter.

STEAMER.

The Dunottar Castle, homeward, arrived at Maderia at 4 o'clock on Monday afternoon.

## LATEST TELEGRAMS.

TRANSVAAL EXECUTIVE.

PRETORIA, Wednesday .-Mr. Schalk Burger has been sworn in as a member of the Executive Council, and Mr. F. G. Wolmarans elected Chairman of the First Raad.

VICE-PRESIDENT.

General Joubert has been elected Vice-President by thirteen votes, against eleven for Mr. J. M. Wolmarans.

### THE MATABELE REBELLION

BULAWAYO, Tuesday.—A Column, consisting of five hundred picked men and five machine guns, left under Major Napier for Shangani, in order to escort Mr. Rhodes into Bulawayo. Heavy engagement! are expected, as the Column will have to pass through several strongholds.

BULAWAYO, Wednesday.—The Column that went out to meet Mr. Rhodes had an engagement with the enemy last night, near Thaba Indunas. The Scouts drew the Natives towards the laager, when the heavy guns settled them—killing a fair number. The Natives fell back into the thick bush.

GWELO, Tuesday. — The patrol re- turned safely this morning. The Scouts, in advance, found a body of rebels under the chief Munundwane in an en- sconsed position, waiting an attack.

The Column is returning to Gwelo in two strong positions.

The mounted columns went out under Majors Hoste and Hurrell, the dismounted body remaining to guard the laager, which was formed up. The enemy opened a hot fire, which was ineffectual. Our men galloped up and returned their fire, quickly dispersing the rebels and shooting many from horseback with their revolvers — the enemy flying in all directions. The kraal was destroyed. Upwards of fifty bodies of the enemy were found on the scene of action.

Makalaka was taken prisoner, and says the rebels intended to make an attack on the scene to-night, to-morrow night steal cattle, and to muster strongly at Shangani, intending to make a powerful stand against us.

The Column intends to leave in a day or two for Shangani *en route* for Bulawayo. No casualties so far.

## CAPE PARLIAMENT.

[REUTER.]

### HOUSE OF ASSEMBLY.

CAPETOWN, Wednesday. — In the House of Assembly to-day the debate on the Chartered Company and Raid was resumed.

Mr. Innes moved an amendment, of which notice was given yesterday, and went into the circumstances of the raid and its lamentable results, as to the course to be adopted now. With reference to the Charter he said he hesitated to adopt a proposal to entirely revoke their sovereign rights, but agreed they should allow some alternative if some means, short of revocation, for carrying on the affairs could not be found, then the Charter must go. The only possible way out of the difficulty was that supervision should be exercised by her Majesty's Government over the whole administration of the Charter ; they could not have divided control, with the Imperial Government with one hand on one rein, and the Company's hand on another rein. The British Government should be asked to devise some other system of control, and not the paper control now existing. As to the enquiry he thought it should be independent of political considerations, —a commission appointed from amongst the Judges, armed with an act of Parliament to investigate the whole circumstances. He deprecated a political body like a Select Committee, which would not command confidence in outside States, which a judicial com- mission would command. As to reference in his amendment to the *Uitlanders* grievances, he said they were bound to express an opinion upon certain facts, without which certain cir- cumstances would never have happened. They could not ignore those circum stances ; and unless steps were taken those circumstances would be there in the future. To regard the raid without looking at these circumstances, would be like looking at one face of the diamond. He did this the more readily, because of the proclamation of the President of the South African Republic on December 29th, and the action of the Executive Council. He appealed to the Dutch Afrikanders to consider this view of the case. In conclusion, the hon. gentleman expressed his grief that the sacred temple of South African Unity in the erection of which so many had laboured, had been demolished and trusted that after all the troublous events of the past few months might be a blessing in disguise, especially if they brought home to us the internal truth that the temple could never stand if its foundations were laid in treachery, and based in deceit.

Mr. Douglass followed, and approved of Mr. Innes's amendment, deprecating anything which would tend to arrest the development of Charterland.

Sir Gordon Sprigg expressed great grief at the cause of events, and accepted Mr. Schreiner's amendment. He could not agree with the destruction of the Charter, because he did not think they had anything to put in its place. They could not hand the country over to Germany, to the Transvaal, to the Cape, or make it a Crown Colony. Properly supervised, the Company could do its work of developing the country, and doing good work. He believed in an inquiry by the Home Government, and objected to any course which might make the case of the Reformers of Johannesburg worse than it was. It was because he feared that the resolution might be misconstrued by the Government of the South African Reupblic, that he hesitated to support the amendment of Mr. Innes.

Captain Brabant and Mr. Beard supported Mr. Innes's amendment.

Mr. Van Wyk, remarking upon the threatened sending out of troops, said 50,000 soldiers would be but a mere breakfast for the Transvaal. [Will we arrange for a breakfast, toe, Mr. Blowhard ?—ED. C.M.]

Mr. Le Roex said he could say a great deal, but he would wait for the result of the enquiry. He would vote for Mr. Schreiner's amendment.

At 5'40 p.m. the debate was adjourned until Friday next, with precedence.

It was resolved that the House should not sit to-morrow (Ascension Day).

The House adjourned at 5'45 p.m.

### SOME POLITICAL NOTES.

THE Queenstown *Representative,* which seems to be well posted as to what is taking place in political circles in Cape-town, has the following :—

A CHANGE of Ministry is spoken of as very likely at no distant date. The Bond are anxious to have a stronger Government in, in view of the powerful Opposition that is being formed under Mr. Innes's leadership.

-----

SIR GORDON SPRIGG will come in for an ugly but much deserved fall shortly. The Bond have no confidence in him, the loyal leaguers disavow him, the new Opposition in the House is most bit- terly opposed to him. He will have but few friends to lift him up when he does fall.

-----

THE Hon'ble J. R. Innes, Q.C., who is still in Pretoria in connection with the Reform trial, will be back in Capetown this week. It is understood that he has agreed to accept the leadership of the Opposition and that he has received promise of support from every inde- pendent English member in the House. This is good news indeed. The party would then roughly number twenty-five members.

—o—

A word or two (says the *Cape Register)* maybe devoted to the positions occupied in the House now that members have settled themselves into their places. There are, of course, several notable changes. Sir Thomas Upington fills the place formerly occupied by Mr. Rhodes (by the way where will the Chartered chief sit when that " facing of the music " *does* take place?). Mr. Schreiner has gone, with Mr. Laing, to the rearmost of the Ministerial benches, and Sir James Sivewright and Dr. Te Water have, of course, found seats on the front bench. On the other side of the House, Mr. Wiener and Mr. Beard have been joined by Mr. Fuller, who, apparently, has had enough of cross-bench solitude, while Mr. Brown still retains his old seat in their rear. Mr. Merriman has, at present, a grand lounge on the front Opposition bench, Mr. Innes being still in the S. A. R., and Mr. Sauer having "gone back " against the wall, where he sits, cheek by jowl, with the other member of the " South African National Party " —Mr. J. T. Molteno.

## *THE LIQUOR BILL.*

### Proposed Restrictions On Natives.

NO MORE KAFIR BEER.

The full text of the Liquor Bill, to be introduced in the current session during by the Hon J Rose-Innes, Q.C., M.L.A., is published in the *Government Gazette.*

Clause 1 and 2 propose that Licensing Courts shall have the power of imposing on licence holders conditions restricting or prohibiting the sale of liquor to natives. Clause 2 likewise prescribes certain penalties against any licensed person contravening such conditions.

Clause 3 imposes on any person who legally buys or receives liquor on behalf of a native a fine not exceeding £25, or in default of payment, imprisonment, with or without hard labour, for a period not exceeding three months.

In regard to any application for the renewal of an existing licence for pre- mises outside the area of a municipality and outside any area wherein the Village Management Act of 1881 is in operation, Clause 5 provides that it shall not be lawful for the Licensing Court to grant the said renewal in case there shall have been lodged with the Resi- dent Magistrate of the district, at least within four days before the meeting of the Licensing Court to consider the said application, a memorial or memorials signed by more than one half of the voters registered for the election of members of the Divisional Council within the limits of the Divisional Council District in which such premises are situated.

Clause 6 is designed to prevent the making or consumption of " Kafirbeer " upon any land which is private property, or which is held under lease for the Crown, without the permission of the owner or lessee. Any person contrav- ing this Section is subjected to a fine not exceeding two pounds, with the option of imprisonment with or with- out hard labour for not more than a month. "Kafir-beer" is defined as including " prickly-pear beer " and " honey beer."

Clause 7 confers upon owners, lessees, or occupies of land, certain powers for searching buildings and seizing and destroying " Kafir-beer " made or possessed in contravention of the pre- visions contained in Clause 6.

Clause 8 imposes a fine not exceeding £20, with the option of imprisonment with or without hard labour for not longer than three months, upon any person who wrongfully and maliciously, or without reasonable cause, exercises the powers conferred by Clause 7.

Clause nine makes it lawful for the master of any vessel, in any dock or harbour, to sell liquor without a licence to passengers therein.

## LOCAL ITEMS.

THE English mail per Moor will arrive by train due here at 9'45 a.m. on Saturday.

-o—

WE hear of two shooting cases of ; Natives by white men within the past month at Caba on the Kei River near Bolo. As might have been expected the Native people are alarmed. As these things lead to reprisals, they had better be severely dealt with by the Government. We trust a question might be put in the House on this subject.

